education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL**
**SENIOR CERTIFICATE**
**EXAMINATION**

**IBANGA 10**

# ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO

## IPHEPHA 1

## UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKOMXHOLO

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: 2 IIYURE**

**131 1 S**

**IMIYALELO KUBAFUNDI:**

- Qaphela ukuba eli phepha linamacandelo amaThathu u-A, B, noC: A ungovavanyo lokuqonda; B sisishwankathelo; C ukusetyenziswa kolwimi entethweni.
- Phendula onke amacandelo.
- Qala iCandelo ngalinye ephepheni elitsha, uze ukrwele umgca emva kweCandelo ngalinye.
- Phendula yonke imibuzo.
- Shiya umgca phakathi kweempendulo zakho.
- Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
- Nika ingqalelo eyodwa kupelo lwamagama kunye nokwakhiwa kwezivakalisi.

**ICANDELO A - UVAVANYO LOKUQONDA**

**UMBUZO 1**

**ISICATSHULWA 1**

1.1 Funda lo mhlomlo ukuze ukwazi ukuphendula imibuzo elandelayo **.**

**UKUXHATSHAZWA KWAMALUNGELO OOMAMA**
( Kusesibhedlela umama kaLizo ulele ngandletyan'anye ubethwe ngumyeni wakhe wamophula ingalo kanye ngalo mhla kuthiwa lusuku loomama. ULizo uxoxa naye.)

ULizo: Mama utata uphantse wakubulala.Ulimele yaye kuya kuthatha ixesha eide phambi kokuba la mathambo engalo yakho ahlangane.

UMaRhadebe: Hayi Lizo mntanam ndibonga wena kuba ndasindiswa nguwe. I-injekshini izidodobalisile iintlungu. Ndingcono kakhulu ngoku.

ULizo: Uza kuthini ngoku ? Uza kumbambisa utata?

UMaRhadebe: Andikwazi Lizo ukumbambisa uyihlo kuba ikati ingalal'eziko. Andisebenzi kaloku xhego nguye ohlawula zonke iindleko.

ULizo: Mama xa uphuma apha uza kuya kufuna umsebenzi umshiye utata kuba ngenye imini uya kukubulala ndibe mna ndingekho. Into emandikuxelele yona phandle mama utata angekhe abuyeke utywala uyabuthanda.

1.1.1 Yintoni ebangele ukuba uMaRhadebe abe sesibhedlele? Chaza (2)

1.1.2 Zeziphi izizathu azibekayo uMaRhadebe zokuba angayibambisi indoda yakhe? (2)

1.1.3 Ingaba yinyaniso okanye bubuxoki into yokuba amanye amakhosikazi amaninzi ahleli emitshatweni naxa iimeko zawo zimbi? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.4 Zeziphi iingcebiso uLizo azinika unina? (2)

1.1.5 ULizo unexhala yaye ukhathazekile ngemeko kanina. Yintoni ebanga ixhala? Bhala isizathu? (2)

**[10]**

**ISICATSHULWA 11**

1.2



Le nto umntu ayoneliseki kuphele, nokuba ifakwe kwezishushu nezifudumeleyo iimeko, isoloko ikhalaza. USomi noSihle babethandana lufezekile bengenangxaki eluthandweni lwabo. Ekuhambeni kwexesha kubekho iinguquko kunxibelelwano lwabo olwenze kwangabikho ukuthembana phakathi kwabo.Yathetha intombi yashiya elilibeleyo kuba ngoku kwacaca ukuba iyavuthwa imbiza apho iphekwe khona kuba uSihle wayengabambeki .

Zavuleka iintanda kuthando lwabo, zaguquka izinto ngephanyazo, waba namaxesha amaninzi angafumaneki ngawo uSihle ebeka izizathu . Ngelishwa uSomi wayephulukana nomphululi wentlungu zakhe ngelixa uSihle wayeseluthandweni edlwengulwe umphefumlo lelimbi igqiyazana. Yabhideka ngoku indoda ayayazi emayikwenze, yaxakeka, yayindindi. Wayone ntoni uSomi ukuze aphatheke ngolu hlobo?Yayizizandla zakhe ezazimphulula amalungu omzimba, zimosula iinyembezi, zimthoba nezivubeko zamhlamnene zimpholisa iminzunzu yentliziyo.Wayesisifuba esasigcina iimfihlo zakhe, umhlobo wenene. Noko kwakunjalo yachitheka lo ndlwana yabo.

Intlungu nodandatheko lwalubhaliwe ebusweni bukaSomi, ulusu lwakhe lwalumbatshile usizi nentlungu luwachukumise onke amalungu omzimba wakhe. Zithi zakwehla izilingo simazi uMdali wethu nezithembiso zakhe. Ewe akasithembisanga iimini ezimyoli kuphela ezingenazirhintyelo, ulonwabo olungenantsizi nazinyembezi, ilanga elingenamvula nezaqhwithi kodwa wasithembisa ukusinika ukomelela ukuze sikwazi ukumelana neemini zenkqwithela.

1.2.1 Yamphatha njani uSomi into yokwahlukana noSihle? Kutheni usitsho kanjalo (2)

1.2.2 Ezi zicatshulwa zibini zibonisa ukuba amadoda ababona abantu basetyhini njengezinto hayi abantu. Xhasa le mbono ngeziganeko eziqhubekayo kwezi zicatshulwa. (2)

1.2.3 Athetha ukuthini la mabinzana alandelayo?

(a) Iyavuthwa imbiza apho iphekwe khona kuba uSihle wayengabambeki. (1)

(b) Wayesisifuba sakhe (1)

1.2.4 Xa ucingisisa ngala mabinzana anomgca ngaphantsi ungabuchaza uthi bunjani ubomi? (2)

1.2.5 Ingaba yinyaniso okanye bubuxoki

(a) Alukho unxibelelwano olufezekileyo .Xhasa impendulo oyinikileyo

(b) Xa unxibelelwano lungekho luhle ludale ukungathembani (2)

**[10]**

## ISICATSHULWA 111

1.3 Ndinephupha! Martin Luther King Jr

................Ndithi kuni namhlanje, bahlobo bam, nakuba sijongene nobunzima namhlanje nangomso, ndisenalo iphupha. Liphupha elifunekayo kumaphupha aseMelika. Ndinephupha lokuba ngenye imini esi sizwe siya kuvuka ze siphile umnqophiso wenyaniso. Yinyaniso ecacileyo ukuba bonke abantu badalwe ngokufanayo, bayalingana. Ndinephupha lokuba ngenye imini iintaba zaseGeorgia, oonyana bamakhoboka noonyana babo babefudula benamakhoboka baya kuhlala kunye etafileni yobuhlobo. Ndinephupha lokuba neMissisipi apho kugquba ukungalungi, kugquba ingcinezelo, iya kutshintsha ibe ngumthombo wenkululeko nobulungisa.

Ndinephupha lokuba abantwana bam abancinane abane ngenye imini baya kuhlala kwisizwe apho bangayi kugwetywa ngenxa yebala lofele lwabo, baya kugwetywa ngokwesimo sabo. Ndinephupha namhlanje! Ndinephupha lokuba ngenye imini ezantsi e-Alabhama phaya kanye, e-Alabhama amakhwenkwe amnyama namantombazana aya kubambana ngezandla bahambe kunye njengoosisi noobhuti. Ndinephupha namhlanje! Ngokholo siya kukwazi ukusebenzisana kunye. Le yimini apho bonke abantwana bakaThixo baya kucula benentsingiselo entsha ngobomi bebanye.

1.3.1 Ngokwesi sicatshulwa singatsho ukuba uMartin Luther King Jr. unolwazi ngokholo. Chonga isivakalisi esibonisa le mbono kwisicatshulwa (2)

1.3.2 Kweli phupha likaMartin Luther, uMartin ucingela bonke abantu ekufanele bonwabe. Uthini ngabantwana bakhe? (2)

1.3.3 Ingaba yayinjani impatho kubantu abamnyama baseMelika? Cacisa. (2)

1.3.4 UMartin Luther wayelwela inkululeko yabantu abamnyama baseMelika. Ngubani kweli loMzantsi Afrika esinokumfanisa naye owalwela inkululeko yethu. (1)

1.3.5 Ezi nkokheli zombini zazilwela into enye efanayo. Ingaba yayintoni? (1)

1.3.6 Yitsho ukuba la mabinzana alandelayo ayinyaniso okanye bubuxoki:

(a) uMartin Luther ngummi waseMelika

(b) Xa lalinokuphumelela eli phupha yayiya kuba luxolo kuhlaliswane ngemvisiswano (2)

**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo, wandule ukusishwankathela kangangezivakalisi ezihlanu, unika ezona ngongoma ziphambili.



Yayiyimini ezolileyo iintaka zisitsho ngezimyoli iingoma. Ngale mini kwakutshata uNeliswa,umafungwashe kaBhele ,uLangalokulunga,umdak'omnyama ongeva sepha.Yayintle intombazana, emhle uNtitha, lilihle iBhelekazi limanz'andonga. Icamagu lalivumile njengoko kwakuse nasebukhweni bezinja.

Ecaweni umfundisi wazibamba iintambo kwavakala kaloku ukuba kwakufikwe kweyakhe inkundla. Wasina wazombelela, kuvakala iincwina kwabasetyhini kanti kwabasebuhlanti kwakungu-'Ameni' emva komnye.Wawandlala umtshato umfo wakwaThixo, wathi nobengaqondi kwakhanya kwasa. Wabombathisa ngengubo yeentsikelelo bavuseleleka ubunyulu nobuhle bomtshato.Wachiphiza umtshakazi, alasuka ilaphu elimhlophe emehlweni kumyeni kuba wayethethe kwavokotheka umfo kaDlamini, amazwi akhe ayewenzile umsebenzi wawo.

Zacula iintombi wabhomboloza umfana wachul'ukuyathela umfo kaMiva emthe chu owakwakhe.Watsho umlilizane woomama, zancedisa nezinja, kwasisankxwe nje yingxolo. Zabethw'iintonga de kwavuka nobundlongondlongo emadodeni, kaloku kwasekutyiwe likhaba eli. Emva kwayo yonke le ntshukumo kuye kwafunyanwa eziya phantsi kwempumlo. Zaphuma zingena izikotile zenyama nemingqusho basuswa bususiwe ubuthi kwezibandayo nezikrakrayo.Yatyiwa inyama baselwa utywala bondliwa abantu babulela.Yathi indod'ehluthiyo yayazi indlela eya emzini wayo. Kwachithakalwa emva kwemijuxuzo entlobo ntlobo. **[10]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: UKUSETYENZISWA KOLWIMI ENTETHWENI

### UMBUZO 3

3.1 Funda le migca ingezantsi wandule ukhethe igama elifanelekileyo elikwizibiyeli. Bhala igama lodwa.

3.1.1 Akatyanga kakhulu unkabi emtshatweni, ndiyabona uzenza (ingxathu, ingcathu)

3.1.2 Ndimbamba (ihlanza, isandla) umfundisi otshatisayo uyabachukumisa abantu.

3.1.3 Zabethw'iintonga waza wagqejwa (uduma, udumo) uMvubezinja ngenxa yokuphanga besitya umvubo.

3.1.4 Zingenile izikotile zenyama nemingqusho (badla, batya) abantu bahlutha. (4)

3.2 Funda ezi zivakalisi zingezantsi wandule unike iintsingiselo zamabinzana akrwelwe umgca:

3.2.1 USomi ulala obungehliyo kuba ushiyiwe nguSihle.

3.2.2 Abantu bakuloMartin Luther Jnr balala ngamanzi kuba ngamakhoboka.

3.2.3 Amakhoboka eMelika ayevuka ngenj'ixukuxa ayokufuna umsebenzi. (3)

3.3 Gqibezela ezi zivakalisi zilandelayo ngokuthi ufakele igama elifanelekikleyo olikhethe kula angezantsi:

3.2.1 Lo mntwana ubetheke kabuhlungu ngentloko eludongeni ndive ngo---------

(a) khenkce
(b) gqum
(c) hele (1)

3.2.2 Uvile ngesimanga esehlele uBhelezabhubhe izolo evela emtshatweni kwaMiva? Uthe esahamba ebuya apho watyibilika waya kuwa walala ngo-------------

(a) mphothulo
(b) photho
(c) phephile (1)

3.2.3 Abasebenzi emasimini bathe ------------bayahlakula

(a) phasalala
(b) bhazalala
(c) saa (1)

3.4 Kumhlathi othi "Ndifuna iqabane", kusetyenziswe imilembelele ngokungathi alikho igama elinye ebelinokusetyenziswa. Bhala ke wena elo gama endaweni yeso siqwengana sinomgca ngaphantsi.

"Ndifuna iqabane endiza kuya kulo kumtshato kaSihle. Siza kuhamba nodade katata wam. Eli qabane ke kufuneka lingatshayi tu, kuba umninawa katata wam akayifuni intshayi. USihle lo ngumntwana kadade bomama, yiyo loo nto ndimthanda kangaka. Iqabane eliya kukhethwa ndim lelo lisukileyo egadeni, lityebe kananjalo. Malingabi mnyama kakhulu

Okhathazekileyo". (3)
**[13]**

**UMBUZO 4**

4.1 Kule bhokisana ingezantsi zininzi iziphene ezenza ukuba lo mhlathana ungavakali. Funda ngoko lo mhlathana uze uwulungise. Wubhale ngokutsha:

| |
|---|
| Khalipha! Jongana nqo negxabano ezivelayo kubuhlelwane benu ungadanga ube uyalwa yaye uya konwaba ubomi bako boke |

(5)

4.2 4.2 Funda lo mhlathana ungezantsi uze ufakele iziphumlisi apho kufaneleke khona:

Awu Mcacisele ngezinto ezifana nokuziphatha ukuthetha okanye ukwenza Uyayiqonda phofu loo nto (4)

4.3 Funda esi siqwengana singezantsi uze usibhale ngokwengxelo-ntetho.

"Ndinomnqweno wokuba ngunontlantle kodwa andamkelwa ngenxa yokuba ndinesiphene emzimbeni." Utshilo uZama.

Qala ngale ndlela:
UZama uthe ....................................... (3)
**[12]**

**UMBUZO 5**

Funda esi sicatshulwana uze uphendule imibuzo elandelayo:

Zolile: Nowethu mfazi wam andikwazi ukuhlala ekhay'apha. Ndinyanzeleka ukuba ndikushiye ufika nje kulo mzi kabawo. Kukowenu nawe. Ngumzi wakho lo.
Wamkelekile.

Nowethu: Awu ! Andazi nokuba ndiyaphupha. Ndiyafika apha andazi nezityana zakowenu apho zibekwa khona.Yithi uyadlala Mthimkhulu wam.

Zolile: Ungakhathazeki naba oosisi baza kubonisa yonk'into. Kaloku xhegwazanaawunakusoloko ulapho ndikhoyo. Wena uzokondla ezi mbedlenge zakwaRhadebe.

Nowethu: Hayi ke! Tata ndiyakuva.

5.1 Kwintetho kaNowethu yokuqala chonga igama elikwimo yokunciphisa. (1)

5.2 Kwisivakalisi sesine kwintetho kaZolile chonga igama elibonisa isibanjalo (1)

5.3 Chonga igama elibonisa indawo kwisivakalisi sokuqala kwintetho kaZolile. (1)

5.4 Bhala ezi zivakalisi zilandelayo kwimo elandulayo.
"Kukowenu nawe. Ngumzi wakho lo. Wamkelekile". (3)

5.5 Eli gama "uyadlala"sisenzi esikoluphi uhlobo? Sikweliphi ixesha? (2)
**[8]**

**UMBUZO 6**

Funda le migcana ingezantsi uze usebenzise igama elinye endaweni yebinzana elikrwelwe ngaphantsi

6.1 6.1.1 Izolo ndidibene <u>nabantwana abazalwe ngemini enye</u> besiya kudlala ibhola.

6.1.2 Bathe umphako abawenzelwe nguMaRhadebe <u>lubisi oluvuthiweyo.</u>

6.1.3 Ndibakhuthazile kuba kakade <u>ngabadlali abaziwayo</u> kwibhola yeqakamba. (3)

6.2 Bhala lo mhlathana ungezantsi uze ulungise amagama akwizibiyeli (isikolo) abantwana abakhoyo abazimameli iititshala kangangokuba umsebenzi wabo uyasilela (iincwadi) zabo. Wofika nootitshala bezama ukubathundeza ukuba bawenze, bahambe nakumaThala eencwadi. Likhona wethu elo qaqobana (bantwana)
(mamela). (4)

**[7]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Copyright reserved